# KHOKELA umntu kuYesu Kristu!

SKENA APHA

## A — VUMA UKUBA UNGUMONI

*Ngaba ungumntu olungileyo? Ukuba ngumntu olungileyo akusayi kukusa ezulwini. Qonda ukuba SONKE singaboni kwaye sifanelwe sisohlwayo esifanelekileyo. Asinako ukuba phambi koThixo wethu olungileyo ezulwini, ngenxa yezono zethu.*

*"Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye kwaphela - nguThixo." - Marko 10:18*
*"kuba akukho kwahluka; kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lukaThixo..." - Roma 3:23*
*"... njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Akukho lungisa, hayi, nalinye; Akukho uqondayo; Akukho umfunisisayo uThixo! - Roma 3:10-11*

## B — KHOLWA KWIGOSPILE KAYESU KRESTU

*Kholwa entliziyweni yakho ukuba uYesu Kristu wafela izono zakho, wangcwatywa, nokuba uThixo wamvusa uYesu kwabafileyo. Oku kukukholwa ngentliziyo yakho yonke ukuba uYesu Krestu ungulo wathi unguye.*

*"Kuba umvuzo wesono kukufa; ke sona isibabalo sikaThixo bubomi obungunaphakade, kuKristu Yesu iNkosi yethu." - Roma 6:23*

*Umpostile uPawulos usixelela kweyoku ngeVangeli esisindiswa ngayo: 1 Kwabasekorinte 15:1-4*
*Ke kaloku, bazalwana, ndiyanazisa iindaba ezilungileyo, ezo ndazishumayela kuni, nazamkelayo nokuzamkela, nimiyo nokuma kuzo, nisindiswayo nokusindiswa ngazo, ukuba nizibambile ngelizwi endazishumayela ngalo kuni; ukuba anithe nafumana nakholwa. Kuba ndaninikela kweziyintloko izinto oko ndakwamkelayo nokukwamkela: okokuba uKristu wazifela izono zethu ngokwezibhalo, nokokuba wangcwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesithathu ngokwezibhalo;..."*

## C — BIZANI EGAMENI LENKOSI

*"Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa. Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe." - Roma 10:9-10*
*Kuba bonke abasukuba belinqula igama leNkosi bosindiswa. - Roma 10:13*

## UMTHANDAZO

*"Owu Thixo ndiyavuma ukuba ndingumoni, ndiyazisola ngezono zam, ndifuna ukubuya esonweni sam. Ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana waKho; Ndiyakholwa ukuba wafa emnqamlezweni ngenxa yesono sam, ukuba Yena wangcwatywa, waza wamvusa. Ndigqibe ekubeni ndibeke ukholo lwam kuYesu Krestu njengoMsindisi wam, ndithembele kuphela kwigazi laKhe elanele ukusindisa umphefumlo wam kwaye lindithathele ezulwini.*

*Nceda undigcwalise ngoMoya wakho oyiNgcwele, Ndikhokele ngoMoya waKho, undiphe ukulambela iLizwi laKho, ukuze ndiphile ubomi obungcwele kuzuko lwaKho.*

*Ndiyabulela, Nkosi Yesu, ngokundisindisa. Amen."*

www.JesusABC.com

JesusABC